



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

FEBRUWARI/MATSHI 2014

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 80

Le memorandam inamaphepha angama-22.

ICANDELO A: ISIHOBE**VUKANI MADODA KUSILE****UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)****ISILILO SELULWANE – C Nqakula****Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Isitanza 1

Kubalasele isafobe esisimntwiso kuba ilulwane lizithethela livelisa imeko ebuhlungu eliphila kuyo yokungamkeleki kwezinye izilwanyana. Isimntwiso siphuhla ngakumbi xa ilulwane lisithi, ndinguDludaka kuba liphila ngokudla udaka, liphinde lisebenzise isifaniso esingunjengomntu. Imbongi iphinda iliveze ilulwana lingenacala elamkeleka kulo.

Isitanza 2

lintshaba zalo ngabantu. Ukusetyenziswa kwamagama u-bona nokwaphela kuqaqambisa uluvo lokuba kuluntu ilulwane alamkelekanga konke konke. Oko kungqinwa kukuba ngalo lonke ixesha abantu basoloko belifuna apho likhona ngokunga linento yabantu eliyibileyo. Oku kuphuhliswa kukusetyenziswa kwesifaniso njengesela. Lihlala linxunguphele kuba apho abantu badibana nalo khona balixuluba ngamatye nanini na. Kusetyenziswe igama, icham eliphuhlisa ukuba sisisulu kwelulwane ebantwini kuba lingenako ukuzilwela nokuziphindezela kubo.

Isitanza 3

Ilulwane alifumani thuba lakuhambahamba ngokukhululekileyo libuka ilizwe ngenxa yokoyika. Ukusetyenziswa kwegama umshologu kuphuhlisa ukuba ilulwane linxulunyaniswa nomoya omdaka, yiyo loo nto lingafunwa ngakumbi ngabantu. Ngalo lonke ixesha lisoloko lingakhululekanga kuba iintshaba zalo zisoloko zikho emini nasebusuku.

Isitanza 4

Lizibona ngokunga lona lidalelwe ukuphila kabuhlungu emhlabeni. Oku kuphuhliswa ziintetho zalo ezithi, 'Akukho mntu undifuna kwelakhe icala, Bonke bethu bandigxibha, bandibek'ibala'; kusetyenziswe isaci - bendibek' ibala ukuphuhlisa ukuba akukho kwanto intle ngelulwane kwaye lisoloko lityholwa ngezinto ezimbi. Kucaca ukuba bakufa bengandithandi! Oku kutyhila ukuba liya kuphila impilo ebuhlungu ngonaphakade.

[10]

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)**IDOMPASI – N Gcali**

- 2.1 Ngokuba yayisisixhobo awayesisebenzisa ukucinezela abantu abamnyama.√/ Ngokuba yayisisixhobo awayesisebenzisa ukuthintela abantu abamnyama ukuba bangahambi nokuba kuphi.√
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 2.2 Igama dompasi lithatyathwe kulwimi lwesibhulu. Igama dom ... lithetha ukuba 'awunangqondo' ngoko ke le ncwadana yemvume yeyabantu abangenangqondo. √√ (2)
- 2.3 Abantu babebanjwa bavalelwe.√ (1)
- 2.4 Ingcinga yokwenzakaliswa kwabantu ngokungenalusini ngezikhali.√/ Inkohlakalo ebijongiswe kwabo bangenadompasi.√
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 2.5 Sisimntwiso√ (1)
- 2.6 Zinika umfanekiso-ngqondweni wokubethwa kabuhlungu kwabantu abamnyama xa befunyaniswe bengenayo idompasi.√/umfanekiso-ngqondweni wokuva.√
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 2.7 Ukubanjwa kwabantu abavela kwiindawo ngeendawo kuba bengenayo idompasi√ (1)
- 2.8 Umbongo wezopolitiko√/umbongo wonkwintsho.√
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 2.9 Ukuphathwa gadalala kwabamnyama ngabamhlophe kusetyenziswa isixhobo 'idompasi'. √/ingcinezelo yabamhlophe kubantu abamnyama besebenzisa idompasi.√
(Nayiphi na kwezi) (1)

[10]

UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)**IZIFO ZABANTWANA – W Shasha**

- 3.1 Ngokusebenzisa igama, Kuthi-.√ (1)
- 3.2 Avuselela ingcinga yokuba angabenza bazibone iingxaki bazame ukuphuma kuzo bangazamkeli zinjalo. √√ (2)
- 3.3 Luluvo lokuba imbongi ibonakala idiniwe yimeko abaphila phantsi kwayo abantu nabakhangeleka beyamkele. √ (1)
- 3.4 Umqolo wesi-9 ubonisa indlela yokuphila yanamhlanje apho ubani kulindeleke ukuba aye kusebenza nzima emigodini.√ (1)
- Umqolo we-10 ubonakalisa ukuba indlela yokuphila ngemfuyo njengoko kwakunjalo mandulo iphelelwe.√ (2)
- 3.5 Imbongi isebenzise u-phantsi no-phezulu ukubonisa ukuba umfazi kulindeleke ukuba ahlale ekhaya agcine umzi kanti indoda yona kulindeleke ukuba ihambe iye kusebenzela umzi wayo.√ (1)
- 3.6 Ngumbongo nkcazo.√ (1)
- 3.7 Imbongi ilumkisa isizwe ngentlalo yasenkomponi, abantwana bagula qho kuba abazali babo behluphekile.√√ (2)
- [10]**

UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**BUBOMI OBO - SSM Mema**

- 4.1 'Namhla'.√ (1)
- 4.2 Ngumfanekiso-ntekelelo weliso.√ (1)
- 4.3 Sisifaniso.√ (1)
- 4.4 Ivuselela ingcinga yokuba ubomi abusoloko bumyoli.√/ubomi buyaguquka√/ ubomi buyatshintsha-tshintsha.√ (1)
- p
(Nayiphi na kwezi)
- 4.5 Lubangela isingqisho.√ (1)
- 4.6 Ngokuhlala ungenzi nto awufumani nto kuba yonke into iyasetyenzelwa njengoko umqolo wama-20 usithi, 'Nakuw'ubomi yimigungqo kungenjalo ubudlile'.√√ (2)

4.7 Luphuhlisa ukuba xa usengxakini usenokuphumelela okanye ungaphumeleli√/Luphuhlisa ukuba umntu enze imigudu yokuphumelela xa esengxakini angahlali nje angenzi nto.√/Luphuhlisa into enokwenzeka.√

(Nayiphi na kwezi)

(1)

4.8 Ubomi bomntu ngamnye buxhomekeke kuye. √√

(2)
[10]

UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)

IXESHA LEMBALELA – NT Ngamile

Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:

Kwisitanza soku-1

Umbhali usizobela ixesha elibi nelibuhlungu lembalela, xesha elo lithi lenze abantu babe kwimeko yonxunguphalo kuba ikati sukuba ilele eziko kumakhaya ngamakhaya. Eli xesha umbhali ulinxumanisa nexesha leentshutshiso xesha elo kungekho bumnandi konke konke. Mve xa athi,'Lixesha losizi nembandezelo, Lixesha lexhala nonxunguphalo. Kuthiwa 'indlala yon'ibomvu krwe'. Oku ukuveza ngokusebenzisa isifanekisozwi krwe esiphuhlisa indlala egqithisileyo kuba kunqongophele into esiwa phantsi kwempumlo. Usebenzise igama ukukhedama okwenziwa ngoongxawu neentsana ukuphuhlisa imeko ebuhlungu elusizi abathi abantwana babekuyo ngokungathi baswelekelwe kuba belambile.

Kwisitanza sesi-2

Kwisitanza sesi-2 umbhali usityhilela eli xesha njengexesha elibi kakhulu. Ixesha apho abantu bahlala elusizini bedinga izinto ngezinto ezilulutho ebomini babo bemihla ngemihla. Kuvela nento yokuba imbalela ichaphazela iinkomo nabantu. Iinkomo ziyafa zimbi ziyagqityezelwa ngabanini bazo kuba bengafuni ukuba zide zizifele. Oko kukuthi ngeli xesha kuphekwa enye ngomhluzi wenye. Abantu baphelelwa luthando nobuntu ngenxa yokusokola nokungabi nazinto.

Kwisitanza sesi-3

Kwesi sitanza umbhali usebenzise igama 'losizi' ukubhentsisa imeko embi elithi libe kuyo ihlabathi kuba kuxweba mhlaba, zityalo nako konke kuba imvula sukuba ingasaziwa. Kwakhona usebenzise isimntwiso esikukukhedama komhlaba ephuhlisa ukumbatsha nokuba neentanda kwawo ngenxa yokoma nto leyo ewubeka esichengeni sokhukuliseko.

Kwisitanza sesi-4

Kwisitanza sesi-4 umbhali ukwasityhilela eli xesha njengexesha elibi ekukho izililo ezidala usizi novelwano njengoko kubanjalo xa kuvele intlekele. Lixesha elinzima elinezifo ezininzi de kusweleke abantu, abantwana, izilo nezilwanyana. Lixesha elithi ligutyungelwe kukufa okuninzi ngenxa yezifo nendlala.

[10]

UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)**IXESHA LEMBALELA – NT Ngamile**

- 6.1 Luphindaphindo.√ / Imfanoziqalo.√
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 6.2 Ithetha ukuba indlala ibomvu okanye ibhokile√/ikati ilele eziko.√/Xa abantu besifa yindlala.√
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 6.3 Ngumbongo nkcazo.√ (1)
- 6.4 Kudala isingqisho. √ (1)
- 6.5 Ngumfanekiso-ntekelelo weliso.√ (1)
- 6.6 Kumqolo wama-22 ukuya kowama-27 amagama mathathu kanti kumqolo wokugqibela amagama mabini.√√/Yonke imiqolo inamagama amathathu ngaphandle komqolo wokugqibela onamagama amabini.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 6.7 Imbongi inxubile√/ayonwabanga√/ingxunguphele√
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 6.8 Yimfundiso yokuba imbalela iyingozi kwinto yonke ephilayo.√√/Imeko ayibikho ntle konke xa kubalele.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

[10]**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

ICANDELO B: INOVELI**UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)****NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa****Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Unxunguphalo yimeko ekwenza ungonwabi usoloko ucinga ngayo ingakuphathanga kakuhle emphefumleni. Le meko idala ixhala noloyiko kuba ungasazi isiphelo sayo ukuba siya kuba yintoni, nakuThole ke kwakugquba loo meko.
- Apho liqala khona ibali ngoThole sibamba umphefumlo xa ephantsi konxunguphalo olukhulu kwindlela esuka eGcuwa esiya eBhayi.
- Eyona nto inxubisayo kukubona uThole ekwimoto ehamba ngesantya esiphezulu, ihamba indlela angayaziyo. Kwakule moto ukhwele nabantu abakonwabeleyo ukusela, abe yena engonwabanga.
- Iintetho zikaThemba zezona zinxubisa ngamandla ingakumbi xa ade amhleke, athi unakho na ukusela utywala unganxili, eli phanga liyabahleka lithi, libagqibile.
- UThemba ubonisa ukungamnanzi kule meko akuyo, ade aphembelele umqhubi wemoto ukuba angamnanzi, afake amafutha emotweni.
- Zezi ntetho ezide zakhokelela kwisimbonono asenzayo apha emotweni.
- Esi simbonono asenzayo sikhathaza umqhubi, de abenexhala lamagosa endlela wathi makacengwe.
- Isingqala asenzayo emotweni ngexesha aleleyo singqina indlela abe nxube ngayo.
- Siphinda silubone unxunguphalo olumandla xa ubomi bukaThole buphakathi kwenyama nozipho, eza kubulawa zizikrelemnqa ezakhokhelwa nguJoe owayethandana ezikhokelwa nguJoe owayethandana noNomsa, zixhobe ngemipu.
- Umbhali uphinde aluveze olu nxunguphalo ngokuthi uNomsa abethwe ngokungenalusini phambi kwakhe, ade aqonde noThole ukuba ayinakumnceda nganto into yokucela uxolo, kufuneka ezilwele nangona eqonda mhlophe ukuba ithemba lokusinda kuloo meko limfiliba.
- Iyanxunguphalisa ngakumbi indlela awayeqhutywa ngayo zezi zikrelemnqa zimsa kwindawo apho zaziza kumbulalela khona.
- Ukubekelwa kwakhe iwotshi, ebalelwa ixesha elishiyekileyo lokuphila kwakhe emhlabeni nalo luyaludala unxunguphalo.
- Ixesha kwakusebusuku kwaye nendawo ababemsa kuyo isekuphumeni kwelokishi, nto leyo ibinciphisa amathuba akhe okusinda kule meko, kwaye useBhayi indawo angayiqhelanga.
- Inyusa izibilini imeko yezinto ezenzekayo kuhambo olusingise eKnysna.
- Uphinda adibane nabahlobo bakhe abamse eBhayi engaqondi, wenza ngathi akababoni kuba engafuni nto imdibanisa nabo.
- Iyanxunguphalisa intetho ephakathi koThemba nomqhubi wemoto ababeza kuhamba ngayo. Umqhubi uyabuza ukuba nguye lo, uThemba uphendulela ezantsi kuba engafuni kuviwa nguThole. Le ncoko iveza mhlophe ukuba likho igumgedle ebebekhe banalo ngoThole.
- Indlela ekuhanjwa ngayo ukuya eGcuwa iyakrokrisa ude abuze ngeebhodi ezikhombisa iindawo eziya kuyo, 'welcome to ..., we are now entering Knysna Forests'.

- 'Ukuphelelwa' kwale moto ngamafutha kumahlathi aseKnysna anezilwanyana ezinobungozi inxubisa ngakumbi.
- Umbhali ufaka olona nxunguphalo lukhulu xa kugquma iingonyama zide ziqwenge isihlanu sonke samadoda abehamba nawo.
- Indlela asinde ngayo uThole ekuqwengweni ziingonyama yeyona ibambisa umphefumlo, ingakumbi ngexesha ehleli emthini naxa ewela phezu kwengonyama ngelixa ingonyama imlalele phantsi kwaloo mthi.
- Ukusukelwa kwakhe yingonyama ifutshanise kumcingisa icebo lokuzisindisa ekuqwengweni ngokuthi agaqe.
- Ukuhamba ethafeni engayiboni imizi nabantu, efathula engazazi ukuba usingise phi uThole kunyusa izibilini kumfundi.
- Ekugqibeleni uyayibona imizi kodwa akazi bani, engenamali nakutya.
- Isenzo sokuzenza igqirha asonwabisi kuba soyikisa ngokuthi kunokwenzeka ntoni akubhaqwa. Naye akonwabanga emphefumlweni kuba ekude nekhaya lakhe.
- Amaphupha akhe namazwi entshumayelo amenza anxunguphale ngakumbi nangakumbi de afikelele kwisigqibo sokuba athengise ngako konke anako agoduke.
- Idala unxunguphalo into yokuzinikela kukaThole ukuba aye eGeorge Goch, indawo edume ngezinto ezimbi, eyeyelisela abefundisi, eneendidi zonke zotywala nengafuni kukhonza, abe yena engumfundisi omtsha nofunde wayityekeza.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkelwa.)

[25]

UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)

NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa

- 8.1 NguJoe.√ (1)
- 8.2 KuloNomsa.√ (1)
- 8.3 UJoe uvakala esithi ndilive lonke ibali lakho nalo mxhaka.√√ (2)
- 8.4 Badibana bezihambela evenkileni kwa-OK.√/Badibana edolophini.√
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 8.5 Yimpixano yangaphandle √ kuba uJoe uyambetha √/amkhabe √/athethe
namazwi arhabaxa.√
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 8.6 Uzobo oluthe ngqo√. Umchaze ngezenzo neentetho zakhe.√ (2)
- 8.7 Ingumntu okhohlakeleyo.√
Ukubetha kwakhe uNomsa ngempama√/ukukhaba uNomsa ngesihlangu
esifubeni√/ukuthi xhakamfu uNomsa entanyeni amtsale ngeelokhwe√/
ukulahla ngenqindi entlafunweni kuNomsa√/ukuthi hlasi uNomsa immise
ngeenyawo√/ukoyamisa uNomsa ngegumbi okanye ngodonga lwendlu
ikhuphe ingcangula yemela.√
(Nayiphi na kwezi) (2)

- 8.8 Wacinga ukuba kuba kuba nzima ngakumbi kuye xa ebona indlela awayebethwa ngayo uNomsa.√ (1)
- 8.9 EBhayi kukho imigewu yootsotsi√/ukusetyenziswa kweziyobisi ezifana notywala ukutshaya kwakunye nokuphathwa kwezixhobo eziyingozi√/ukuya kwamakhwenkwe emantombazaneni athandana nawo emizini yabantu√
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 8.10 Wazinikela kwinkolo yobuKrestu√/Wafundela ubufundisi;√/ Waba ngumfundisi √/wakha iicawa zaseWesile. √
(Naziphi na ezimbini kwezi) (2)
- 8.11 Wayeye kwingqungquthela.√ (1)
- 8.12 Waya kufunda e-Oxford University eNgilane.√ (1)
- 8.13 Waphumelela imali engamakhulu amahlanu eeponi.√/Wawongwa ngokuba ngumfundi wonyaka.√
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 8.14 Ilungile kuba njengomongikazi wenza umsebenzi wakhe. √√
Ayilunganga kuba ngokwakwaNtu umolokazana akakwazi ukumphatha uyisezala.√√ (2)
- 8.15 Kukuambelana kwezi ntsapho ngalo lonke ixesha.√/Akukho nto yenziwayo kwaFikizolo engekho uKhohlela.√/Akukho nto yenziwayo kwaKhohlela engekho uFikizolo.√
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 8.16 Usebenzise izinto abantu baseGeorge Goch ababezithanda xa bezonwabisa ngeempela-veki, wayekhalisa ikhodyane√/enika ithemba kwabo babecinga ukuba ubomi buphelele eGeorge Goch ngeentshumayelo ezivuselelayo nezakhayo.√/lingxaki zasecaweni wayezisombulula ngobulali nangokwaneliseka kwabo banembambano.√
(Naziphi na ezimbini kwezi) (2)
- 8.17 Impumelelo kaMangaliso ibe yemangalisayo nengalindelekanga emva kwezinto ezimbi ezimehleleyo ebomini.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

[25]

UMBUZO 9 (UMBUZO OMDE)**UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule****Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Unxunguphalo yimeko ekwenza ungonwabi usoloko ucinga ngayo ingakuphathanga kakuhle emphefumleni. Le meko idala ixhala noloyiko kuba ungasazi isiphelo sayo ukuba siya kuba yintoni.
- Ingcinezelo yomntu omhlophe yayisinda, imbulaleko izala uqhankqalazo, ilizwe lilunywa, lizuzwa, kuyincwina kubonakala ukuba akuntsuku zigqabhuke izikhalo ngenxa yeentshukumo ezazikho.
- Ubudlelwano obu-ethe-ethe phakathi kwabamhlophe nabamnyama babubonisa ukuba ngeny'imini liya kudabuka ibhayi.
- Isenzo sikaMfazwe sokufundisa abafundi ngamalungelo abo, yayisisenzo esasizisa uloyiko de iititshala ezindala zimnqande.
- Isiganeko sokubanjwa kukaMfazwe etyholwa ngokunyola umbuso esweni, eqweqwediswa, ethukwa erhuqwa kukhokelele ekufumaneni ulwazi lwamagama abantu abaziimpimpi.
- Indlela amkelwa ngayo emva kokukhululwa kwakhe yonyusa izibilini. Wayesonyanywa nangabantwana besikolo awayebafundisa kuba wabekwa ibala lokuba ungungcothoza. Umzekelo indlela embi awaphatheka ngayo eholweni apho kwakukho intlanganiso.
- Ukubulawa kukaKK ngendlela emasikizi kwashukumisa ilizwe, abantwana baba ziindladiya, abanye basweleka ilizwe alaxola.
- Indlela ezabulawa ngayo iintsana, amadoda nabafazi iyiqhubela phambili imbambano phakathi komhlophe nomnyama, nto leyo ekhokelela ekuvalweni kwezikolo kwande nobundlobongela kukwathengiswa nangabantu kumagwangqa.
- Kunyusa izibilini ukuma kweqela likaFriday ecaleni kwemoto awayezifihle kuyo.
- UMfazwe njengomlinganiswa ophambili uyazingelwa ngamapolisa njengoko ebonwa inguye odala uqhushululu. UFriday namahlakane akhe usoloko esezithendeni zakhe ejonge yonke intshukumo ayenzayo. Akathenjwa ekuhlaleni ngoko imeko yakhe yokuba ngusithubeni imenza asabe kwindawo yakhe yokuzalwa.
- Kwimirhanqolo yeenyoka ezifuna ukumhlasele uyakhuseleka kuzo ngenxa yenja esoloko ivela isiya kusithela.
- Ekulandeleni umkhondo kaFriday, ufumane abantu berhoxoza kodwa ubungqina bokufa kwabo bukwisinxibo sakhe ngoko unyanzeleka ukuba atsibe imida yeli ebaleka umsindo wokoyanyaniswa kwakhe nesi senzo, encedwa ngumfundisi uHlathi.
- Endleleni eya kwisikhululo sikaloliwe eNkwankca uMfazwe ugqitha lula kuvingc'amazibuko wamapolisa kuba umbhali usebenzise uNdima indoda emfutshane suka amapolisa aqwalasela kuloo nto.
- Esikhululweni setreyini eNkwankca ufunwa phantsi phezulu ngamapolisa.
- Ukumiswa kwetreyini esithubeni kuyoyikisa ngokungu uMfazwe uza kubanjwa.
- Uphuncuka apho ahamba ngeenyawo nto leyo nayo engawuphumlisiyo umphefumlo womfundi wale ncwadi.
- Ubamba amazinyo ngenxa yeentaba namahlathi anobungozi ahamba kuwo.

- Edlulile kumzingeli uzibone ejongene nokufa emehlweni, kuba ude abizwe ngegama ngamapolisa ekwakumele ambulale kodwa uyasinda ngenxa yokubizwa elucingweni kwenjengele ize ingawuniki umyalelo wokuba adutyulwe.
- Endleni uzifumana erhangqwe ngamadoda axhobe afa amacala ejolise imipu kuye uMfazwe, uphelelwa ngamandla ahlale phantsi bhaxa, kodwa abamdubuli.
- Emzuzwini utyholwa ukuba uyimpimpi kuba kufunyanwe umbhumbutho wemali. Indlela ahlaselwa ngayo kwakungathi ngamaxhalanga ehlasela ihashe elifileyo. Isithonga sompu sisindisa ubomi bakhe aze abanjwe.
- Kwisigqubo seli qela simkhonxileyo, uxelelwa ukuba uza kubulawa kodwa kuthiwa makanikwe ukutya ukuze afike kwasathana ehluthi.
- Uthathwa esiwa kwindawo aza kubulawela kuyo ekhatshwa ngamadoda amabini, kuvakala izithonga zemipu zikrazula isibhakabhaka uyasinda kufe enye yala madoda enye yonzakale.
- Endleleni eya kwiNtsimb'ebomvu izilo zasendle, abavukeli ziyiphazamisile indlela yakhe waze wadutyulwa kodwa usindiswa yinja, ukuze aze kucholwa asiwe kwiNtsimb'ebomvu.
- Elapho eMgazi ubomi babantu busemngciphekweni wohlaselo. Ngenxa yokulimaza uKhonjwayo uba likheswa. Akuhlab'umkhosi abamthatheli ngqalelo kufa abantu ze kusinde inani elalibalwa ngeminwe yezandla, aze ke uMfazwe asinde.
- Ubomi bukaMfazwe bebusoloko busemngciphekweni wezinto ezimbi nezibuhlungu kodwa aphuncuke kuzo. Umbhali uphumelele ekusebenziseni unxunguphalo ukusithundeza ukuba siqhubeke siyifunda incwadi iye ekupheleni amaphaphu ephezulu.

(Naziphi na iimpendulo ezichanekileyo ziyakwamkelwa.)

[25]

UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)

UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule

- 10.1 Ngumfundisi uHlathi.√ (1)
- 10.2 Waqhuba imoto wangena endleleni eya kwankosi uZamlandela.√ (1)
- 10.3 Kungokuba ngokomcebisi wayebandakanyeka ekugetyengweni kwabantu ekucingelwa ukuba babulawa nguFriday.√√/Igazi elalizele ezinyaweni zakhe.√√ (2)
- (Nayiphi na kwezi) (2)
- 10.4 UMfazwe wavukelwa yintiyo kuNokuzola, kwakhula ukungamthembi kwaphela nothando.√√/Babethandana kodwa wayengafuni ukucinga ngaye.√√ (2)
- (Nayiphi na kwezi) (2)
- 10.5 Xa amapolisa ecenga uMfazwe ukuba abe yimpimpi yawo ayabukhankanya ubumpimpi bukaFriday.√ Ngeli xa uFriday namahlakani akhe besiya kuhlasela uMfazwe kwatatuGaba uFriday akazigqumanga ngasankwane.√ Ukubulawa kwabantu kwaQaka kuvela ukuba kubangelwa nguFriday namahlakani akhe.√ (3)

- 10.6 Yimpixano yangaphandle,√ abantu babulawa nguRhulumente wengcinezelo ngesandla samapolisa nemikhosi yakhe.√ (2)
- 10.7 Ubomi abukhange bumyolele, kwabanzima kakhulu akuba elimaze uKhonjwayo wenziwa ikheswa.√√/UKhonjwayo wayengazamkeli iingcebiso ezisuka kuMfazwe kuba engafundanga.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 10.8 Ulahlekelwe sisithandwa sakhe esinguMfazwe.√√/Ukufa kwakhe uNokuzola√√/ Ukungafumani ithuba lokukhulisa umntwana wakhe. √√
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 10.9 Sasiyokuhlola umonakalo emva kokubhukuqa kutshe imoto inabantu ngaphakathi athe yena wasinda.√/Sasiye kujonga ukuba kwenzeka ntoni.√
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 10.10 Amafutha omzingeli.√ (1)
- 10.11 Likwinqanaba lokujija kwezinto.√/Likwinqanaba lokuyondelelana kwezinto.√
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 10.12 Watsho phantsi kuloliwe uMfazwe indlela wayikha ngeenyawo.√ (1)
- 10.13 Kwidabi lomzabalazo ebekulo uMfazwe uCikizwa ebemana ukuthi gqi ezingcingeni amphazamise.√√/Yonke ingcombolo ngonyana wakhe uMfazwe uyaziswe nguCikizwa.√√/Xa efika kwankosi uZamlandela wahoywa nguCikizwa empha ukutya.√√/Unyana wakhe uZubuye umkhuliselwe nguCikizwa akuba ebhubhile uNokuzola.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 10.14 UMfazwe ulilandele igama lakhe kuba ulwela inkululeko yabantu abaNtsundu.√√ (2)
- 10.15 UFriday owayetabhata waba libanjwa de wagwetywa ityala lakhe lichotshelwe yijaji enguMfazwe lo wayemtshutshisa.√√ (2)

[25]**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

ICANDELO C: IDRAMA**UMBUZO 11 (UMBUZO OMDE)****AMAZA – ZS Qangule****Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Kule ncwadi zimbini iinkolo ezinegalelo kwintlalo yoluntu.
- Ezi nkolo zenze iintlabazahlukane eluntwini.
- Ikwa zezi nkolo ezidala impixano phakathi koNamhla nekhaya lakhe.
- UDanile ungumntu okholelwa kumasiko nezithethe zakwaNtu.
- Unyanzela intombi yakhe ngesoka engalithandiyo kuba eme kwinkolo yesiko.
- Le nkolo yakhe iyakhabana nenkolo kaNamhla kuba yena ungumntwana wanamhla ongayihloniphiyo le nkolelo yakowabo.
- Oku akuchaphazelanga ubudlelwane bakhe noLizo kuphela kodwa amaBhele ahluke kubini, kwakho amaqaba amele izithethe namasiko namagqobhoka amele izinto zanamhlanje.
- AmaBhele akhanyiselweyo nakholelwa kwinkolo yobuKrestu, axhasa uNamhla ukuba makayekwe atshate nomfana othandwa nguye.
- Amanye amaBhele anenkolo eyendeleyo kumasiko, ayala ukuba uNamhla atshate umfana amthandayo, axhasa uDanile ekunyanzeleni uNamhla ngoSidima.
- Eli qela lide linyanzele nesiko lokungena akuba uSidima kucingwa ukuba ubhubhile.
- Ukhamba ngawo omane xa enyanzelwa ngesiko lokwendiswa ade athi ngoku sele elotyolwe akrexeze noLizo, ade abhaqwe nguyise emhokamhokana naye.
- Kwelinye icala le nkolo yamasiko nezithethe imbophelele uLizo kuba naye ubonelwe uZodwa Zazile.
- Olu nyanzelo lukaLizo ngomfazi lumenza angabi nalo tu uthando kuZodwa, uyamthuka embona ukungafaneleki ngenxa yokuba intliziyo yakhe ikuNamhla.
- UZodwa kwelakhe icala ukhulisa umntwana kaSidima ngoLizo kuba naye unyanzelwa kuLizo.
- Uthi nangoku sele engumfazi kaLizo angayeki ukuthandana noSidima kuba kubhaqwa ileta yakhe epokothweni yebhatyi kaSidima nguNamhla.
- UNamhla uthi akumxelela uLizo ngale leta amcaphukele ngakumbi uZodwa kude kuvele nokuba uXelisa ngumntwana kaSidima, hayi owakhe.
- Uphuncukwa sisimilo uNamhla xa ebona ukuba akavunyelwa ukutshata noLizo, athuke ooyise, abantu bomzi wakhe kunye nezinyanya.
- UNamhla imenza aqaqadeke le meko ade abe nzima esesehlathini, aqhayise ngesisu eso.
- Kwelinye icala uLizo ugxotha umfazi wakhe, uZodwa ade amlandele aye eRhawutini ngeliya kumbulala kunye noSidima.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkelwa.)

[25]

UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)**AMAZA – ZS Qangule**

- 12.1 Kukubhaqwa kukaLizo noNamhla kwaDanile entangeni.√ (1)
- 12.2 Bonke bangamaBhele√ (1)
- 12.3 Wenze ngokufanelekileyo kuba ngokwenkcubeko yethu umzi asingomzi wakho wedwa ngowamaThile ngoko ke iingxaki zawo zezakho nawo.√√/ Wenze ngokungafanelekanga kuba iingxaki zomzi akufanele ziphumele ngaphandle kuba abanye abantu bahlekisa ngazo.√√ (2)
- (Nayiphi na kwezi) (2)
- 12.4 Ngokusebenzisa amaqaba axhasa uDanile√ nezifundiswa ezixhasa uNamhla.√ (2)
- 12.5 Zange bafikelele sigqibeni kuba amaqaba aphuma phakathi kuloo ngxoxo kwasala uDanile namagqobhoka.√√ (2)
- 12.6 Kukutyhila imiyalelo yaseqongeni √/ukubonisa intshukumo√/ukubonisa uvakalelo. √ (2)
- (Nayiphi na kwezi) (2)
- 12.7 Kukuba uchitha umtshato kaSidima ngokuthi athandane noNamhla.√√ (2)
- 12.8 Uwatyhila ngokuthi uLizo athengele umfazi womntu onguNamhla umsesane.√/Ngokuthi uNamhla athandane noLizo etshate noSidima.√/ Ukutshata kukaZodwa noLizo ekhuleliswe yenye indoda.√ Ukumitha kukaNamhla esemzini.√ (2)
- (Nayiphi na kwezi) (2)
- 12.9 USilumko ubonise ubulumko ngokuthi anike isisombululo kwintsindabadala yokudutyulwa kukaSidima okanye uDuma .√√ (2)
- 12.10 Asixelela ukuba kukho inkolo yobukrestu nenkolo yamasiko nezithethe ezihamba zihambe zingqubane√√ (2)
- 12.11 Kukuba uSidima usaphila√/kukuba uZodwa Zazile usaphila√/ USilumko ngumcuphi√/USilumko lipolisa. √ (1)
- (Nayiphi na kwezi) (1)
- 12.12 UMaNdaba ngumzali, oku kubonakala ngokudlala indima yokuba nguninazala kaNamhla.√√ (2)
- UMaLimakhwe akananyani, kuba ivela ekupheleni kwencwadi into yokuba ungunina kaNamhla.√√/Ukhohlakele, kuba walahla okanye waphisa ngomntwana kwikhaya leembedlenge.√√ (4)
- 12.13 Kuphumelele amagqobhoka kuba abengubo ekugqibeleni bayabanjwa elixa amagqobhoka evuma ingoma yoloyiso.√√ (2)

[25]

UMBUZO 13 (UMBUZO OMDE)**A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto****Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Isizwe esimnyama sisizwe esikholelwa kwizinyanya esithe ngokufika kwabefundisi sangenelela nakwinkolo yobukrestu. Abanye babantu abathi bangenela kwinkolo yobuKrestu, abazange bayeke kwaphela kwinkqubo yenkcubeko yabo.
- UKama wanconywa ngumkhwe wakhe uMaqoma njengomntu okwaziyo ukuzihluza izinto nangona engumKrestu njengoko wayeyinxalenye yeziyunguma zomdudo kaMaqoma.
- Isizwe samaXhosa yayisisizwe esikholelwa kwizinyanya nakuQamata. Le nkolo yayibenza bazive bekhululekile. Izinyanya zazihlonelwa koyikiselwa ukuba xa kuthe zatyeshelwa ziya kuqumba ze ibe nguqulukubhode kwintlalo yesizwe. Ubunkenenkene bempilo kaNgqika boyanyaniswa nokutyeshela kwakhe isiko lokuhlamba inyala lokulwa phakathi konyana noyise.
- Isizwe esimnyama yayisisizwe esikholelwayo kumagqirha kuba ezinye zezinto ayaye azixele zaziye zihambelane kakhulu nezimvo nenkolelo yaso, yiyo loo nto uMaqoma wabona ukuba uyise wayefulathelwe zizinyanya.
- Amatheko ayevuselela ulonwabo nokuzingca ngezinxibo, izikhumba neentsimbi nokuba nenani elithile lamakhosikazi nokuqaba imbola kuchokozwe. lindywala zazikukutya kwemihla ngemihla emzini wendoda kubuthwa kuxoxwe ngezidl'umzi.
- AmaXhosa ayeyithanda inkcubeko yawo, kusaziswa ukuhlonela ibhotwe nobukhosi. Kwiziyunguma ezaziye zibekho kwakunganyali ukuba iinkosi neenkosana ngokweziphaluka zazo ziphume ngobuninzi ukuza kuzimasa kuloo matheko.
- KwaNtu umfazi wayelinikwa okanye ephiwa igama lasekwendeni ngabomzi wakhe kulandelwa inkqubo yakwantu.
- NgokwakwaNtu amagama ayenikwa amakhosikazi atshatileyo kwakukubonisa ukubuthanda ubukhwe ngokuthi bagcine iziduko zobukhwe.
- Indlela eyafundiswa ngayo inkolo yobukrestu yasijongela phantsi isidima sabamnyama yaze loo nto yakhokelela kungquzulwano. Ulonwabo lwesizwe nenkcubeko yabo yabonwa njengesenzo sobuhedeni. Oku kubangele ukuba abefundisi bangamkeleki ncam.
- Ngokobukrestu nangokuzilungiselela abefundisi banika abantu ababeguqukile amagama amatsha. Inkosikazi kabaw'uMntlane yanikwa igama elitsha lokuphehlelelwa lesiNgesi ngabefundisi yabizwa ukuba nguMary ngaphandle kwemvume yomyeni wakhe kwangokunjalo noMamCirha wabizwa ngelikaJane. Esi senzo sasijongela phantsi izithethe zakwaNtu.
- Ukufika kwabefundisi ngeemfundiso zabo kwadala umsantsa neengxabano phakathi kwabafazi, abantwana abangakwazi ukudlala kunye kuba kungafuneki ukuba bachatshazelwe zizenzo zobundlavini naphakathi kwamadoda nabafazi bawo.
- Abefundisi babeyibona imfundiso yabo, iyeyona nto inokunyanga ubundlobongela obabenziwa ngamakhoboka akhululweyo.
- Inkolo yobukrestu yasetyenziswa kakubi kuba ifuthe labefundisi lasetyenziswa kakhulu ngabamhlophe lisenyelisa. Ekuguquleni abantu besebenza phantsi kwesandla sikaSomerset kwakhokelela ekubeni amaXhosa alahlekelelwe yimihlaba eyayilingqatha kwezolimo nemfuyo.

- Isenzo sokuhlonela inkosi nobukhosi bayo sisizwe babuthathwa njengesenzo sobucaka nobukhoboka ngokwabefundisi. Le mbono yakhokelela ekubeni kube lula ukuyisasaza yamkeleke lula inkolo yobukrestu koomama kuba yayichukumisa imicimbi eyayichaphazela bona, imicimbi yesithembu edodobalisa uxolo kuba iphembelela iinkcuku ngeenkuku nokusila iindywala mihla le.
- Abanye babo abafana nomamCirha barhoxa kwiziyunguma nemicimbi yasekuhlaleni kuba besithi zizinto zasebumnyameni.
- Ubukhazikhazi basemlungwini balahlekisela abamnyama ngemfuyo yabo nomhlaba. Impucuko yasohlukanisa isizwe.
- UQuka ngenxa yokuthanda amawonga neendawo eziphezulu wathengisa ngobomi bukaBawana njengoko aphiwa umpu, ihashe kwanobunye ubuvilikitshana obuthandekayo basemlungwini.
- Nangona balahlekelwa yimihlaba abamnyama zabakho iziphumo ezihle. Abantu bakhelwa izikolo bafunda ukubhala nokufunda.
- Indlela yokunxiba yaguquka kwanxitywa ilaphu lasemlungwini. Ezi nkolo zimbini zazinawo amacala amahle nalawo ayefuna ukuqiqisiswa alungiswe. (Naziphi na iimpendulo ezichanekileyo ziyakwamkelwa.)

[25]

UMBUZO 14 (UMBUZO OMFUTSHANE)**A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto**

- 14.1 Kungokuba wayefuna ukuqinisekisa ukuba bayazi eyona nto kumele bayenze.√ (1)
- 14.2 Ungumntu othanda uxolo.√√ / Ziimeko ebezimnyanzela ukuba alwe√√/ Yimeko emenze ukuba abandakanyeke kumadabi. √√ (2)
(Nayiphi na kwezi)
- 14.3 Yinkosi nephakathi. √ (1)
- 14.4 UMaqoma uyiveza ngeentetho zakhe nezamaphakathi akhe eziveza isingqukru ngokulahlekelwa ngumhlaba otyebileyo nokuba kude kumathambo ooyise.√√ (2)
- 14.5 Kukutyhila imiyalelo yaseqongeni √/ukubonisa intshukumo √/ukubonisa uvakalelo.√√ (2)
(Nasiphi na isibini)
- 14.6 Yayikukuba abantu bakhe babengobantu abafane benze nje izinto babezenza ngokomyalelo wakhe.√√/Babengakuthandi ukuphalaza igazi. √√ (2)
(Nayiphi na kwezi)
- 14.7 Abamhlophe basebenzise amakhoboka njengesixhobo sokurhwaphiliza imihlaba yabantu abaNtsundu.√√/Kwelinye icala abamhlophe baye baphulukana nezicaka ebezibasebenzela. √√ (2)
(Nayiphi na kwezi)

- 14.8 Bangena ngokungathi babazisela inkolo yobuKrestu.√√/
Bangena ngokungathi babazisela impucuko kanti baze kutshabalalisa
inkcubeko yabantu abaNtsundu.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 14.9 Lingumqondiso wokuguquka kukaNowayini kwinkolo yesiNtu engena
kwinkolo yobuKrestu njengoko igama Mary kubizwa ngalo unina kaYesu.√√/
Lingumqondiso wokuphucwa kukaNowayini ubuyena bakhe. √√
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 14.10 Isizwe saqhekeka phakathi ngenxa yeenkolo ezahlukeneyo kuba abanye
balandela inkolo yobuKrestu√ abanye baqhubeleka benqula uQamata√ kanti
abanye bazibamba zombini.√ Ukungavani kwesizwe. √ (3)
- 14.11 UNobomvu ligagu, √ akafihli uthetha phandle √
URufus ungumrwebi, akanamahlebo, √ ungcilile uqhatha abantu ethenga
izinto ezinexabiso ngoonobenani.√ (4)
- 14.12 Kuphumelele abamhlophe kuba uNggika uyalela uMaqoma ukuba aphume
eTshokotshela ayokuxinanisa noTyhali.√√ (2)
[25]

AMANQAKU ECANDELO C: 25
AMANQAKU EWONKE: 80

IRUBHRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE

IRUBHRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE ULWIMI LWASEKHAYA 10 AMANQAKU	ULWIMI Isakhiwo, uthungelwano nokunikezela. Ulwimi ithoni nesimbo ezisetyenzisiweyo kwisincoko	Kugqwesile Isincoko sakhiwe ngokuthungelanayo. Intshayelelo nesiphelo zigqwesile. Izimvo zakhiwe kakuhle kwaye ziphuhlise ngokucacileyo. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala ziphuhlile, ziyathabathekisa kwaye zigqwesile.	Kuphakamile Isincoko sakhiwe kakuhle. Intshayelelo nesiphelo ziyancomeka. Izimvo neengcinga zilandelesa lula. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zingqinelana ngokuchanekileyo neenjongo zesincoko. Isinikezelo sihle.	Kuphakathi Isakhiwo sicacile kwaye nezimvo zilandelana ngokufanelekileyo. Intshayelelo nesiphelo kunye neminye imihlathi zilungiselelwe zanamathelelana kakuhle. Ukudweliswa kwezimvo kuyalandeleka. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zikhangeleka zichaneke kakuhle.	Kuyanelisa Bukho ubungqina besakhiwo esibonakalayo. Isincoko siyasilela ekwakhiweni kwezimvo ngokulandelelanayo nangokunamathelana. Iziphene zolwimi zincinci, ithoni nesimbo sokubhala zithande ukuchaneka ngokwanelisayo. Imihlathi ithande ukuchaneka.	Kuzamekile Isakhiwo sibonisa uyilo oluxazalala. Izimvo azibhalwanga ngokulandelelanayo. Kukho ubungqina beziphene zolwimi. Ithoni nesimbo sokubhala zitenxile kwiinjongo zobhalo lwemfundo ephakamileyo yengqiqo Imihlathi ixazalala.	Kunzima Unikezelo aluniki mdla. Ukusilela kucwangciso lukhokelela ekuvubekeni kwezimvo. Iziphene zolwimi nesimbo esingachanekanga zibangela ukuba esi sincoko sibe sesibhalwe ngokungenampumelelo. Imihlathi ixazalala.	Akaphumelelanga Kunzima ukubona ukuba isihloko siphuhlisiwe. Abukho ubungqina besicwangciso sesakhiwo nolandelelwano lwezimvo. Isincoko asinayo imihlathi nonamathelelwano. Ulwimi lufe amanqe. Ithoni nesimbo sokubhala zixazalala kwaye ziphume ecaleni. Ayikho imihlathi nothungelwano.
UMXHOLO Ukutolikwa kwesihloko. Ubunzulu bengxoxo, ukuzixhasa/ ukuzathuza nokunamathela kumxholo.		7 80 – 100%	6 70 – 79%	5 60 – 69%	4 50 – 59%	3 40 – 49%	2 30 – 39%	1 0 – 29%
Kugqwesile Ubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko, nemiba yesihloko iphicothwe ngokugqwesileyo. Isincoko siphuhlile. (90% + ukugqwesa kwesincoko). Unike uluhlu lwezimvo oluphuhlileyo noluxhaswa ngokugqibeleleyo kwitekisi. Ubonakalisa ulwazi oluphuhlileyo lwale jenri nomhobe.	7 80 – 100%	8 – 10	7 – 7½	7 – 8				

<p>Kuphakamile</p> <p>Ubonakalisa ingqiqo echanekileyo ngesihloko. Imiba yesihloko iphicothwe ngokwanelisayo. Isincoko sicacile. Unike uluhlu lwezimvo ezixhaswe kakuhle kumhobe. Ulwazi lwejenri nomhobe luyancomeka kakhulu.</p>	<p>6 70 – 79%</p>	<p>7½ – 8½</p>	<p>7 – 8</p>	<p>6 – 7½</p>	<p>6 – 7</p>			
<p>Kuphakathi</p> <p>Ubonakalisa ingqiqo nokusiqonda kakuhle isihloko. Uzamile ukusicacisa isincoko sakhe. Unike uluhlu lwezimvo ezivakalayo kodwa azixhaswanga ngendlela egqibeleleyo. Ulwazi lwejenri nomhobe luyabonakala.</p>	<p>5 60 – 69%</p>	<p>7 – 8</p>	<p>6½ – 7½</p>	<p>6 – 7</p>	<p>5½ – 6½</p>	<p>5 – 6</p>		
<p>Kuyanelisa</p> <p>Uzamile ukubonakalisa ingqiqo malunga nesihloko, kodwa kukho imiba engaphuhliswanga ngokwaneleyo. Amanye amanqaku axhasa isihloko ngokwanelisayo. Izimvo ezininzi zixhasiwe nangona ubungqina buthanda ukunganelisi ncam. Lukho ulwazi olusisiseko lokuyiqonda le jenri nomhobe.</p>	<p>4 50 – 59%</p>		<p>6 – 7</p>	<p>5½ – 6½</p>	<p>5 – 6</p>	<p>4½ – 5½</p>	<p>3 – 4</p>	

Kuzamekile Umbuzo uphendulwe ngokuqhelekileyo nangokungazimiseli ngokupheleleyo. Ingqiqo nokuqondwa kwesihloko kuvezwe kancinci ngoko kukwitekisi. Umfundi akakayilandeli kakuhle le jenri okanye umhobe.	$\frac{3}{40 - 49\%}$			5 – 6	$4\frac{1}{2} - 5\frac{1}{2}$	4 – 5	$3\frac{1}{2} - 4\frac{1}{2}$	3 – 4
Kunzima Akasilandeli tu isihloko. Isincoko sibonakalisa ukuphindwa – phindwa kwezimvo kwaye sithanda ukuphuma emxholweni Akukho zimvo ziphuhlileyo, ingqiqo ixazalala/ nezimvo azixhaswa kumhobe. Akanalo tu ulwazi lwale jenri nomhobe.	$\frac{2}{30 - 39\%}$				4 – 5	$3\frac{1}{2} - 4\frac{1}{2}$	3 – 4	1 – $3\frac{1}{2}$
Akaphumelelanga Isincoko sifuna ukungqinelana nesihloko kodwa izimvo kunzima ukuzilandela okanye zitenxile. Ufumene ubunzima ekuphenduleni umbuzo. Izimvo zakhe ezimbalwa ezikhangeleka zisemxholweni azinakho ukuxhaswa kumhobe. Akanalo tu kwaphela ulwazi lwale jenri nomhobe.	$\frac{1}{0 - 29\%}$					3 – 4	1 – $3\frac{1}{2}$	0 – 3

IRUBHRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SONCWADI LWENOVELI NEDRAMA

Qaphela umahluko wamanqaku Abelwe umxholo nalawoabelwe isakhiwo nolwimi.

IIKHOWUDI NOLWABIWO-MANQAKU		UMXHOLO [15] Ukuchazwa kwesihloko: Ubunzulu bezimvo, ukuzathuza nokuqondwa kakuhle komsebenzi omiselweyo.	ULWABIWO -MANQAKU	ISAKHIWO NOLWIMI [10] Isakhiwo sibhalwe kwaye sinikezelwe ngokungqinelanayo. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala.
Ikhawudi 7 80 – 100%	Kugqwesile 12 – 15 amanqaku	Ubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko, nemiba yesihloko iphicothwe ngokugqwesileyo. Isincoko siphuhlile. (90% + ukugqwesa kwesincoko). Unike uluhlu lwezimvo oluphuhlileyo noluxhaswa ngokugqibeleleyo kwitekisi. Ubonakalisa ulwazi oluphuhlileyo lwale jenri netekisi.	Kugqwesile 8 – 10 amanqaku	Isincoko sakhiwe ngokuthungelanayo. Intshayelelo nesiphelo zigqwesile. Izimvo zakhiwe kakuhle kwaye ziphuhlise ngokucacileyo. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala ziphuhlile, ziyathabathekisa kwaye zigqwesile.
Ikhawudi 6 70 – 79%	Kuphakamile 10½ – 11½ amanqaku	Ubonakalisa ingqiqo echanekileyo ngesihloko. Imiba yesihloko iphicothwe ngokwanelisayo. Isincoko sicacile. Unike uluhlu lwezimvo ezixhaswe kakuhle. Ulwazi lwejenri luyancomeka kakhulu.	Kuphakamile 7 – 7½ amanqaku	Isincoko sakhiwe kakuhle. Intshayelelo nesiphelo ziyancomeka. Izimvo neengcinga zilandeleka lula. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zingqinelana ngokuchanekileyo neenjongo zesincoko. Isinikezelo sihle.
Ikhawudi 5 60 – 69%	Kuphakathi 9 – 10 amanqaku	Ubonakalisa ingqiqo nokusiqonda kakuhle isihloko. Uzamile ukusicacisa isincoko sakhe. Unike uluhlu lwezimvo ezivakalayo kodwa azixhaswanga ngendlela egqibeleleyo. Ulwazi lwejenri luyabonakala.	Kuphakathi 6 – 6½ amanqaku	Isakhiwo sicacile kwaye nezimvo zilandelana ngokufanelekileyo. Intshayelelo nesiphelo kunye neminye imihlathi zilungiselelwe zanamathelana kakuhle. Ukudweliswa kwezimvo kuyalandeleka. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zikhangeleka zichaneke kakuhle.
Ikhawudi 4 50 – 59%	Kuyanelisa 7½ – 8½ amanqaku	Uzamile ukubonakalisa ingqiqo malunga nesihloko, kodwa kukho imiba engaphuhliswanga ngokwaneleyo. Amanye amanqaku axhasa isihloko ngokwanelisayo. Izimvo ezininzi zixhasiwe nangona ubungqina buthanda ukunganelisi ncam. Lukho ulwazi olusisiseko lokuyiqonda le jenri netekisi.	Kuyanelisa 5 – 5½ amanqaku	Bukho ubungqina besakhiwo esibonakalayo. Isincoko siyasilela ekwakhiweni kwezimvo ngokulandelelanayo nangokunamathelana. Iziphene zolwimi zincinci, ithoni nesimbo sokubhala zithande ukuchaneke ngokwanelisayo. Imihlathi ithande ukuchaneke.
Ikhawudi 3 40 – 49%	Kuzamekile 6 – 7 amanqaku	Umbuzo uphendulwe ngokuqhelekileyo nangokungazimiseli ngokupheleleyo. Ingqiqo nokuqondwa kwesihloko kuvezwe kancinci ngoko kukwitekisi. Umfundi akakayilandeli kakuhle le jenri netekisi.	Kuzamekile 4 – 4½ amanqaku	Isakhiwo sibonisa uyilo oluxazalala. Izimvo azibhalwanga ngokulandelelanayo. Kukho ubungqina beziphene zolwimi. Ithoni nesimbo sokubhala zitenxile kwiinjongo zobhalo lwemfundo ephakamileyo yengqiqo Imihlathi ixazalala.

Ikhawudi 2 30 – 39%	Kunzima 4½ – 5½ amanqaku	Akasilandeli tu isihloko. Isincoko sibonakalisa ukuphindwa – phindwa kwezimvo kwaye sithanda ukuphuma emxholweni. Akukho zimvo ziphuhlileyo, ingqiqo ixazalala/nezimvo azixhaswa. Akanalo tu ulwazi lwale jenri netekisi.	Kunzima 3 – 3½ amanqaku	Unikezelo aluniki mdla. Ukusilela kucwangciso lukhokelela ekuvubekeni kwezimvo. Iziphene zolwimi nesimbo esingachanekanga zibangela ukuba esi sincoko sibe sesibhalwe ngokungenampumelelo. Imihlathi ixazalala.
Ikhawudi 1 0 – 29%	Akapumelelanga 0 – 4 amanqaku	Isincoko sifuna ukungqinelana nesihloko kodwa izimvo kunzima ukuzilandela okanye zitenxile. Ufumene ubunzima ekuphenduleni umbuzo. Izimvo zakhe ezimbalwa ezikhangeleka zisemxholweni azinakho ukuxhaswa. Akanalo tu kwaphela ulwazi lwale tekisi nejenri.	Akapumelelanga 0 – 2½ amanqaku	Kunzima ukubona ukuba isihloko siphuhlisiwe. Abukho ubungqina besicwangciso sesakhiwo nolandelelwano lwezimvo. Isincoko asinayo imihlathi nonamathelwano. Uwimi lufe amange. Ithoni nesimbo sokubhala zixazalala kwaye ziphume ecaleni. Ayikho imihlathi nothungelwano.